



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2015

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P1**

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure



* I X H O F A 1 *

Olu viwo lunamaphepha ali-11.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)

2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.
5. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo Iwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

IMISEBENZI IYABONAKALA

- 1 Imvumi ephum'izandla uLerato Molapo waseDaveyton, usibalisela ngokunxanelwa ukulawula ihlabathi. Uninzi lwabalandeli bakhe bambiza Lira. "UBeyonce udlula rhoqo ngakum kwaye andincumele. Mhle njengakwiividyo zakhe. Yonke into iyakhawuleza, ndiyazama ukuthatha konke okuphambi kwam. Nangona abalandeli bam baseMzantsi Afrika bengakwazi ukuba nam, ndiyabeva namandla othando lwabo kunye nenkxaso yabo emva ekhaya. Ndiye ndizive ndinamandla ndide ndincume xa ndimele ukufotwa ziikhamera eLondon, e-Ireland nakwired carpet. Nokuba andiphumeleli, iMelika nehlabathi ziza kumkhumbula uLira. Kundithathe iminyaka elithoba ukuba ndaziwe ezizweni kwaye ndizakwenza kuhlale ixesha elide."
- 2 "Ndenze udliwano-ndlebe kaninzi andikwazi nokubala, kuquka neyesikhululo serediyo sika Steve Wonder. UDebora Lee umnikazi weBlack Entertainment TV (BET) wayekhe wema ecaleni kwam. Ndivuselelekile ndide ndayokuzazisa ngaphandle kwesimemo kwimibutho emininzi yoonondaba ebikho kwii-awards: "Igama lam ndinguLira waseMzantsi Afrika, ndiwuvula ngokutsho umlomo kubo bonke" icwecwe lam uBack To Love liyafumaneka kwiTunes. Ndiyathabathea kude kufuneke nditsalwe ukususwa kwired carpet. Andikakholwelwa ukuba ndikwi-American BET Awards, ndikhethelwe icandelo leBest International Act in Africa! Ndiukfanele ukuba lapha phakathi kwabasulungekileyo behlabathi."
- 3 Ezo zezinye zeenkumbulo uLira anazo ekwiBET Awards nomhla kaJulayi 2012. Yena ngoku ugilana noompondo zihlanjiwe behlabathi. Waziwa zizizwe ngomculo wakhe, abemi beli babukele ngokuzingca njengoko ukuphatha ihlabathi kusiya ngokuvela. Nangona engakhange aphumelele kwibET Awards, udlulwe yimvumi yaseNigeria, uWizkid, uLira wonwabile kukuba ebekwe kwiqonga lomculo wesizwe. Sele evela nakwiimagazini zezizwe ezingama-200, kuquka IL'Uomo kunye nemagazini iBlach Hair, kwaye uthandiwe ziimvumi zaseMelika wabonwa njengemvumi yesizwe ezakutshintsha iqonga lomculo. "Ndisoloko ndiwuxabisile umdla nokufun'ukwazi kweMelika ngam. Andizange ndafuna ukukopa inkcubeko yaseMelika kwaye ndicinga yiloo nto endenza ndohluke phesheya".

- 4 "Ndiyimveliso yeli kwaye ndisoloko ndizichaza ngaloo ndlela. Ndisebenzisa ukubamtsha, nobumi baseMzantsi Afrika ukongeza ubukho bam" utsho. Angajolisa kwihiabathi jikelele kodwa lo **mlonji** uyaqinisekisa ukuba unguimmi waseMzantsi ozingcayo kwaye uya kuhlala enjalo. "Le mveliso yeLira yimveliso eyilwe ngokuzingca ngabemi baseMzantsi Afrika ngenkxaso yabo, yiloo nto endiyishumayela ngokuzingca kwihiabathi lam". Ufuna abantu kwihiabathi liphela basazi isandi sakhe esahlukileyo. Into esithintelayo thina bemi beli ukuba singayi ezizweni, yimali. "Siyamenywa phesheya kodwa into enzima kukuqokelela imali eyaneleyo yohambo neendleko zokuhlala". ULira ubesonga isixa somvuzo wakhe. Oko kumncedile ukuhlawulela iihambo zakhe zaphesheya.
- 5 "Ukusebenza ezizweni lipupha lam ngoko luxanduva lwam ukulifezekisa". Kumbulelo weThe Captured tour, uqala ngoThixo uLira aze abulele umyen'i wakhe, uRobin: "Enkosi kumyeni wam ngenkxaso nothando lwakhe olungagungqiqiyo. Bendingenakho ukuba neqabane lobomi elingcono. Njengomphathi wam, enkosi ngokukholelwa kum, undikhuthaza ukuba ndibe ngcono, uxhasa zonke iinzame zam kwaye usebenza ngokungadinwa ukundinceda ukuba ndibe yinto yonke endinokuba yiyo. Esi sibini sadibana ngowe-1999 ngexa injineli yesandi yayinceda le mvumi yayingakwazi yona ukudibanisa idemo. Baneminyaka esibhozo bekunye bethandana, emithathu betshatile. Zonke iingoma zakhe zothando zenzelwa yena. Ukusebenza neqabane lakho kunganzima, kodwa "mna nomyeni wam asinayo loo miba. Sakhe imveliso enguLira kunye. Impumelelo yakhe yimpumelelo yam. Ube ngumphathi wam iminyaka emithandathu, sisebenza kakuhle kunye".

[Sicatshulwe kwiBONA kaOkthobha 2012: Iphepha 14 saze sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Xela ngokupheleleyo igama le mvumi ekuthethwa ngayo. (1)
- 1.1.2 Ivezza ntoni ngabalandeli bakhe ukumbiza ngokuba nguLira?
Khetha impendulo kwezi zilandelayo.
- A Ukumkhathalela.
 B Ukumazi kakhulu.
 C Ukumthanda.
 D Ukumteketisa. (1)
- 1.1.3 ULira ukunxanelwa ukulawula ihlabathi. Yiyiphi intsingiselo evezwa ligama elinomgca ngaphantsi? (1)
- 1.1.4 Cacisa eli binzana 'Imvumi ephum'izandla'. (1)

Jonga kumhlathi 2

- 1.1.5 Ucinga ukuba liyintoni ifuthe kubemi baphesheya xa uLira ezazisa ngolu hlobo. "NdinguLira waseMzantsi Afrika". (2)
- 1.1.6 Usixeleta ntoni ngaye uLira xa esithi "Ndiyathabatheka kude kufuneke nditsalwe ukususwa kwired carpet." (1)

- 1.1.7 Bhala isivakalisi esichaza ukuba uLira ebeyinxalenye yemilonji yodidi oluphezulu. (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.1.8 Athetha ukuthini amazwi athi uLira ugilana noompondo zihlanjiwe behlabathi? (2)
- 1.1.9 Ngqina ngokucaphula isivakalisi esibonisa ukuba uLira akazange aphele-mandla zizophumo zeBET. (1)
- 1.1.10 Nika igama lesiXhosa elimele eli-TV. (1)

Jonga kumhlathi 4

- 1.1.11 Myalezo mni ogqithiswa ngamazwi kaLira kulutsha xa esithi: “Ndisebenzisa ukubamtsha nobukho bam eMzantsi Afrika”. (2)
- 1.1.12 Nika isithetha-ntonye segama umlonji. (1)
- 1.1.13 Ingaba uLira uthi isisithintelo njani imali xa abemi beli befuna ukuya phesheya, uncedakele njani yena? (2)
- 1.1.14 Esi sicutshulwa sihambelana njani nesihloko saso? (2)

Jonga kumhlathi 5

- 1.1.15 Matanisa isiggibo okanye isiphumo esikuKholam B kunye nomzekelo okuKholum A.

KHOLAM A	KHOLAM B
1. Luxanduva lwam ukufezekisa ipupha lam.	A Isiphumo
2. Impumelelo yakhe yimpumelelo yam.	B Isigqibo

(2)

- 1.1.16 Kubalulekile ukuncedana nokusoloko nikunye ebomini: Ngqina le ntetho ngoku gqibezela esi saci: Intaka. (2)

[24]

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jonga lo mfanekiso uphendule imibuzo elandelayo.



- 1.2.1 Tolika okuqhubeka kulo mfanekiso. (1)
- 1.2.2 Chaza indlela esiziva ngayo esi sibini, xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.3 Apha eMzantsi Afrika leliphi isebe elinenxaxheba enkulu eliyidlalayo ngokunxulumene nesenzo esikulo mfanekiso? Khetha impendulo efanelekileyo kwezi zingezantsi.
- A ISebe lezeMpilo.
 B ISebe lezeMidlalo.
 C ISebe lezeMfundu.
 D ISebe lakwaNdaba-Zabantu. (1)
- 1.2.4 Ubaluleke ngantoni umbala wempahla enxitywe sesi sibini? (1)
- 1.2.5 Nika isixhobo esifikwa emnweni esingumqondiso woku kuqhubeka kulo mfanekiso: Gqibezela – Um ... (1)
 [6]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHETO**UMBUZO 2****ISICATSHULWA C**

Funda esi sicutshulwa silandelayo wandule ukunika ingcebiso ngeendlela zokubambelela kwiphupha lakho. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

IMIYALELO

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelenayo ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

AMAPHUPHA

Kuhle ukuba namaphupha xa ungumntu. Iphupha ke yiloo nto umntu akhula enqwenela ukuba yiyo xa emdala. La maphupha aqala umntu eselula edlala oonopopi. Uya kuthi ukuba kuyadlalwa yena engaqondi enjalo kodwa alinganise le ndima anqwenela ukuzibona ekuyo xa emdala. Umzekelo-“mna ndiza kuba nguggirha, bazali zisani kum abantwana benu abakhohlelayo”. Yindawo ke leyo azikhethelo yona ukuba ayidlale koonopopi. Liphupha lakhe ke elo. Liyankcenkceshelwa ke ukuze likhule kakuhle. Linkcenkceshelwa ngokuthi umnini walo ajonge ukuba unazo na iimpawu zale nto ayifunayo. Ezo mpawu anazo makazihlokoze azilole zilungele iphupha lakhe. Xa sele efunda makathethe nootitshala bakhe bezakhono zobomi bamncede ngokuthi bamkhethise izifundo ezihambelana nale nto ayifunayo. Oku ukwenzela ukuba angaqali nto kanti uzakujika ayilahle phakathi kuba engenamandla wokuqhubela phambili nayo.

Iphupha lifuna umntu azithembe, aqiniseke, asebenze ngamandla kwizifundo zakhe ukuqinisekisa ukuba ulenza liphumelele iphupha lakhe. Ikho ke imimoya ebhudlayo namaqhina anyukayo ohlangana nawo xa uzama ukufezekisa iphupha. Ezinye izinto ziyakutyhafisa zide zifune unikezele. Wena ke qhubekaka ungazihoyi ezo zinto. Yazi ukuba zizakudlula nokuba kunini na, futhi awuzikujikwa zizo kwiphupha lakho. Qina uzibonise ukuba unamandla, ubonakalise ukomelela ngaphezu kwazo. Ngeli thuba hlobana nabantu abakomelezayo, uzinxweme kwabo bakutyhafisayo.

Akakho umntu onokungaphumeleli xa ezondelela, nditsho nkqu nongenayo imali yokufunda okanye ongenabazali. Xa wenze njalo ungangomnye wabafundi ekuxhwithana ngabo ziinkampani ezifuna ukukufundisa simahla. Masahlukane nokusoloko silihilsela ngeemeko ezingentlanga ngelix sinawo amathuba okuzikhupha kwezo meko.

[Sicutshulwe kwincwadi *Ukhanyo*, ibanga leshumi iphepha 81 saza sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uphendule imibuzo esekwe kuso.

ZITHAPHULELE!!!!!! ZITHAPHULELE!!!!!! ZITHAPHULELE!!!!!!



Uhlalele ntoni, bekh'oomanqanqa nje!!!

Ababhalu bazo ziingcungela, oompondo zihlanjiwe esiXhoseni.

Thenga iincwadi zebanga leshumi elinesibini, uzakufumana enye fele-fele
Kowu! Elinje lona icham! KwaNceduluntu – King Williams Town.

WALALA!!! WASALA!!! WAVUKA!!! WAYIBAMBA!!!!

[Sicatshulwe kwi-Intanethi saze sahlelwa]

- 3.1 Yeyiphi le mveliso ithengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)
 - 3.2 Ngoobani abanokuba nomdla kwesi sibhengezo-ntengiso?
Xhasa impendulo yakho. (2)
 - 3.3 Sithini islogani esisetyenzisiwego yile venkile? (1)
 - 3.4 Bhala idolophu King Williams Town ngesiXhosa, uze uxele ukuba le dolophu ikweliphi iphondo. (2)
 - 3.5 Ingaba yinzuko okanye ilahleko kumthengisi xa enikezela ngenye yeencwadi fele-fele? Xhasa impendulo yakho. (2)
 - 3.6 Kutheni amagama 'ZITHAPHULELE' ebhalwe ngefonti enkulu? (2)
- [10]**

UMBUZO 4

IKHATHUNI

Funda le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.



[Ithathwe kwi-Intanethi yaze yahlelwa]

- 4.1 Kuqhube ka ntoni kwisakhelo sokuqala? (1)
 - 4.2 Isixeleta ntoni inkangeleko yesithethi esivule isandla? (2)
 - 4.3 Yinyani/Bubuxoki ukuba zonke impompo aziphumi manzi? Xhasa impendulo yakho ngebinzana elikule khathuni. (1)
 - 4.4 Amazwi athi "Ndiyokufaka isikhala zo kwinquunu" asixeleta ntoni ngesithethi? (2)
 - 4.5 Yintoni le ibangela esinye isithethi sibeke isandla emlonyeni ngelixa esinye singabekanga nto emlonyeni? (1)
 - 4.6 Chonga isikhuzo esisetyenzisiwego uze unike nentsingiselo yaso. (2)
 - 4.7 Nika le khathuni isihloko esiyifaneleyo. (1)
- [10]**

UMBUTO 5

ISICATSHULWA D: IPROZI

5.1 Funda lo mhlathana ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ndakhuthazeka ukuba ndifunde **ukuzimela** mhla ndaqonda ukuba izinto zabazali bam ayizizo ezam nokuba nam ndinobomi bam endifanele ukubuphila. Nokuba kunzima kangakanani kodwa impumelelo yethu iya kuvela kwiinzame zethu. Baninzi abantu abajongene nobunzima, bazama izinto boyisakala kodwa namhlanje baphumelele ebomini. Awunokoyiswa nto zama ubheke phambili. Umzingisi akanashwa atsho amaXhosa, kuba esazi ukuba yinkunzi ukuzondelela ebomini. Heke! nawe khawulinge. Mna ndiyamthanda umfundsi okhutheleyo nozijula ijacu ezifundweni zakhe. Ndimthanda kakhulu nozixeleyo ukuba izinto zokuqala maybe zezokuqala, ezokuggibela ibe zezokuggibela. Impumelelo isentabeni, umntu kufuneka esebezile nzima elungiselela ikamva lakhe.

[Sicatshulwe *kwi-Intanethi* saze sahlelwa]

- 5.1.1 Sebenzisa igama elibhalwe ngqindilili linike enye intsingiselo. (1)
 - 5.1.2 Lungisa amagama akwizibiyeli, ukuze anike intsingiselo evakalayo kwesi sivakalisi.
 - 5.1.3 Ndifunde (ukufunda) sokuzimela ebomini. (ukufunda) ibalulekile kakhulu. (2)
 - 5.1.4 Nika uhlobo lwasenzi esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi. Ndifunde **ukuzimela**. (1)
 - 5.1.5 Chonga isimelabizo esisetyenzisiwyo kumqolo wesi-8 uze uxele udidi lwaso. (2)
 - 5.1.6 Xela imeko esikuyo isibizo esiphawulwe ngomgca ngaphantsi. Awunokoyiswa nto zama ubheke phambili. (1)
 - 5.1.7 Igama ‘namhlanje’ lisetyenziswe njani kwesi sivakalisi? Kodwa namhlanje baphumelele ebomini. (1)
 - 5.1.8 Guqla esi sivakalisi sibe kwingxelo-ntetho:
Usisi uthi, “Ndakhuthazeka ukuba ndifunde ukuzimela ebomini”.
Qala ngolu hlobo: Usisi uthi ... (2)
 - 5.1.9 Lenze msebenzi mni igama elikrwelelw umgca kulo mhlathana ungentla? (1)
 - 5.1.10 Bhala ngamazwi alula esi sivakalisi: “Ndiyamthanda umfundsi okhutheleyo nozijula ijacu”. (2)
 - 5.1.10 Nika isifanokuthi segama ‘Entabeni’ njengoko lisetyenzisiwe kwesi sivakalisi: “Impumelelo isentabeni”. (1)
- [14]

ISICATSHULWA E: UMFANEKISO

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



lintaka zikhwele emthini. Ziggunywe ngamasebe omthi.

[Uthathwe, www.haibye.com waze wahlelwa.]

- 5.2.1 Bhala esi sivakalisi sibe kwimo elandulayo.
 lintaka zikhwele emthini. (1)

5.2.2 Nika isinciphiso seli gama 'lsebe.' (2)

5.2.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.
 lintaka (ziyana, ziyanetha) emthini. (1)

5.2.4 Phinda ubhale esi sivakalisi silandelayo uze ulungise iziphene
 nolwimi olungamkelekanga.

Idlanza ziyahlambana. Funeka sincedane singabantu sifane
 neentaka kuba zona ziyancedana. (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 40
EWONKE AMANQAKU: 80